# Iziseko ze A+: Uhlelo lwezibophelelo

**Iziseko ze A+ zihlaziywe zamkelwa liqumrhu likazwelonke wezikolo zika A+, ngo Okthobha 2016.**

## Ubugcisa

**Kwizikolo ze A+ ubugcisa:**

- bufunyanwa imihla yonke ngemiyalelo, ukubandakanywa kunye nokubhentsiswa
- bubandakanya imidlalo yeqonga, imixhentso, umculo, ubugcisa bemifanekiso, ubhalo lokuyila kunye nobugcisa kwezosasazo
- bubandakanyeka ekucwangcisweni nokuhlelweni koluhlu lwezifundo
- bumanywe kuyo yonke imihlaba yeziqulatho
- buxatyiswe njengesiseko sokuyila, ukufunda kunye namava omntu
- buyinxalenye yobume bangaphakathi nangaphandle besikolo

## Uludwe lwezifundo

**Kwizikolo ze A+ uludwe lwezifundo lunyathelwa ngokuthi:**

- kuphuhliswe izakhono zotishala zokuyila ukufundisa okunamandla nokubandakanyayo
- ukuhliwa kwamahlongwane nokucwangcisa okuqhubeka rhoqo koludwe lwezifundo
- ukunyanzeliswa kwentsebenziswano nokungenana kobugcisa nezinye iintlelo zoqeqesho
- ukulungelelaniswa kwamazinga ngendlela eya phezulu nenabileyo
- ukukhuliswa koqhagamshelwano lwemiqondo
- ukuphuhla kwentsebenziswano kwizifundo kunye nezigaba ezibandakanyiweyo

## Uvavanyo olutyetyisiweyo

**Kwizikolo ze A+ uvavanyo lutyetyiswa:**

- ngomsebenzi ocingisayo ohlelelwe ukufunda
- ngokubandakanya ubugcisa neendlela eziliqela zokufunda
- ngokuqhubeka rhoqo, ukubandakanya, ukwenza kunye nokusebenzisana
- ngokusetyenziswa njengesixhobo sokuzivavanya kotishala nabafundi ukubanceda bafikelele kwimiqathango yemfuno zesikolo
- ngokusixhobisa ekudaleni umfanekiso ocacileyo wezinga lokuqonda komfundi

## Intsebenziswano

**Kwizikolo ze A+ intsebenziswano:**

- ixatyisiwe kananjalo inenjongo
- inyanzeliswa ngokolungiselelo nangokwamasebe emfundo
- iza kuqala ngokwamaxesha abekiweyo kumagumbi okufunda kunye nokuhlela ndawonye kootishala abaphume izandla kwizifundo ezithile
- ifumaneka imini yonke nangendlela eziliqela
- isetyenziswa ukwakha ukudlelana ngaphakathi nangaphandle kwamasango esikolo

## Iindlela eziliqela zokufunda

**Kwizikolo ze A+ indlela eziliqela zokufunda zibandakanya:**

- iNdlela eziliqela zobuKrelekrele ngokolwazi nangezenzo
- uphando ngokwengqondo kunye nentanda-bulumko esekelwe engqiqweni
- ingqwalasela ekwakheni amakhono okucinga akwizinga eliphezulu aleminyaka yenkulungwane yama-21
- ekudaleni nasekulungelelaniseni amathuba okufunda axhasa umntwana ngokupheleleyo
- amathuba aqonde ngqo kubafundi, iintsapho, nabahlali ukuba baphuhle ekuqondeni indlela abantu abathi bafunxe ngayo ulwazi

## Ukufunda ngokwamava

**Kwizikolo ze A+ ukufunda ngokwamava:**

- kudala ukubandakanyeka komfundi
- kusekelwa kubugcisa namava okufunda ngokwenza ngezandla
- kunika ukubandakanyeka noqhagamshelwano lwezinto eziphathekayo ebomini
- kubonisa indlela enobuchule kunye nokufunda ngophando olubuzayo
- kuvumela ukuqonda indawo zokungena kunye nokufundisa okohlukileyo
- kunika amathuba neendlela ezixananazileyo zovavanyo

## Ukwakhiwa kwamaziko

**Kwizikolo ze A+ ukwakhiwa kwamaziko:**

- kuxhasa intanda-bulumko yengqiqo yokufunda i-A+
- kunyanzelisa ukuxhasana nokwabelana ngobunkokheli
- kuhlangabezana neenkcukacha zemihla ngemihla ukuvumela intsebenziswano
- kunika ixesha, isithuba kunye nezixhobo zokuxhasa umsebenzi
- kuqhubeka nokugcina umbono obandakanyayo kunye nokuphuhlisa ukuzibophelela kwamaziko
- kunika ukuphuhla okufanelekileyo kokuziphatha kunye nokufunda omnye komnye
- kubonakala kananjalo kuphuhle kuwo onke amazinga

## Isimo

**Kwizikolo ze A+ isimo siphuculwa:**

- ngokwakhiwa kwamakhono entsebenziswano ukudala isimo sentlonipho nenxaso
- ngokuphuhlisa isimo-sentlalo esimnandi nesibandakanya ootishala nabafundi
- ngokuqwalasela kwimfundo yexesha elide kubo bonke ababandakanyekayo esikolweni
- ngokusebenzela kumbono omnye kananjalo ngokuthatha izigqibo ngendlela ebandakanya wonke ubani
- ngokwabelana kunye nokubhiyoza

**Iqulunqwe ngentsebenziswano ephakathi kwezikolo ze A+ ezikumaNtla e Carolina , umnatha wotishala, abaququzeleli, iinqununu, kunye namaqabane e A+.**

© 2001 A+ Uhlelo Lwezikolo. Lungasetyenziswa kuphela xa kufunyenwe imvume.